Basic Education
Health

Uxwebhu olunika imvume* yokugonyelwa intsholongwane yomhlaza i-Human Papillomavirus (HPV)

ISebe lezeMpilo lisebenzisana neSebe lezeMfundo esiSiseko namanye amaqabane baza kuqalisa ngenkqubo yokugonyela iHuman Papillomavirus (HPV) njengenxalenye yenkqubo eHlangeneyo yeSikolo nezeMpilo (ISHP) Inkqubo yokugonyelwa i-HPV ijolise ekunciphiseni inani labantu abahlaselwa ngumhlaza womlomo wesibeleko kweli lizwe. Umhlaza womlomo wesibeleko ngomnye wezona ntlobo zomhlaza zixhaphakileyo kwabasetyhini kwaye abasetyhini abaninzi bayasweleka ngenxa yawo. I-HPV, eyintsholongwane eyosulela ngokwabelana ngesondo, ngoyena nobangela womhlaza womlomo wesibeleko. Ukosuleleka yile ntsholongwane kungathintelwa ukuba amantombazana amancinane agonyelwa i-HPV esemancinane nto leyo iza kunciphisa amathuba abo okuhlaselwa ngumhlaza womlomo wesibeleko xa bebadala.

Ichiza lokugonya i-HPV linikwa onke amantombazana akwiBanga le-4 aneminyaka eli-9 nangaphezulu. Ichiza lokugonya i-HPV linikezelwa ngamathamo amabini, ithamo lokuqala liza kunikezelwa kweyoKwindla/ kuTshazimpunzi (Matshi/Epreli) lize ithamo lesibini linikezelwe kweyoMsintsi/kweyeDwarha (Septemba/ Oktobha), iinyanga ezi-6 emva kwethamo lokuqala.Ukuthatha inxaxheba kule nkqubo yokugonyelwa i-HPV ukwenza **ngokuzithandela** kwaye ubomi bangasese nobumfihlo beenkcukacha zentombi yakho ziza kugcinwa zilihlebo. Abazali/ abakhathalela abantwana/ abagcini-bantwana bamantombazana afunda iBanga le-4 baza kucelwa ukuba batyikitye olu xwebhu lwemvume. Kukho nolwazi oluthe vetshe ngenkqubo yokugonyela i-HPV kwelinye icala leli phepha. Qhagamshelana nenqununu yesikolo okanye ikliniki yasekuhlaleni ukuba ufuna naluphi na ulwazi olongezelelekileyo.

Nceda uqaphele ukuba ugonyo lwe-HPV alukwazi kunikezelwa kumantombazana angaphantsi kweminyaka eli-9, okanye ukuba ebegula kakhulu kutshanje okanye agula kakhulu ngomhla wokugonya. Ugonyo lwe-HPV alusayi kunikezelwa kumantombazana akhulelweyo okanye lawo asele elufumene olu gonyo.
Nceda uzalise uze utyikitye olu xwebhu lwemvume lungezantsi, unike iinkcukacha ngezempilo yomntwana wakho kwelinye icala uze ulubuyisele esikolweni.

*I**mvume** = oku kuthetha ukunikezela ngemvume yokuba umntwana wakho athathe inxaxheba kule nkqubo yogonyo
**Amantombazana angaphezulu kweminyaka eli-12 nangaphezulu anganikezela imvume ngokutyikitya kwindawo elungiselelwe oko

Krazula apha

Iphetshana lempendulo lechiza lokugonyelwa intsholongwane yomhlaza i-HPV :

Nceda uzalise amacala omabini eli candelo uze ulibuyisele esikolweni

Igama lomfundi: _____ Ifani: _____

Inombolo yesazisi _____ Somfundi: _____

Igama lesikolo: _____ Ibanga : _____

_____ Ndinika/Andiyiniki imvume yokuba

(Igama nefani yomntwana) (cima okungafanelekanga)

_____ afumane amathamo amabini echiza lokugonya i-HPV .

(Igama lentombi/ lomntwana)

Ndiyakuqonda ukuba ukuthatha inxaxheba kwinkqubo yokugonyelwa i-HPV kungokuzithandela.

_____ _____

Utyikityo lomzali/ lokhathalela umntwana **Amantombazana angaphezulu kweminyaka eli-12 anganika imvume ngokutyikitya apha**

Umhla: _____ Inombolo yeselula.:_____

Amanqaku athile malunga nogonyo lwentsholongwane yomhlaza i-HPV

1. **Eli chiza lokugonya likhuselekile** kwaye linomngcipheko ongephi kwintombazana.
2. Ichiza lokugonya liza kunikezelwa ngenaliti ngumongikazi oza kundwendwla esikolweni.
3. Inaliti enechiza lokugonya iza kuhlatywa kwingalo engasentla.
4. Uza kukuva ukuncuntswa yinaliti.
5. Emva kokugonywa ingalo ingaqaqamba kancinane kwaye ibe bomvu.
6. Musa ukuqaba nantoni na engalweni ukuphepha ukungcola no-kosuleleka
7. Kukho ithuba elincinane lokuba unganomkhuhlane, intloko ebuhlungu, isiyezi, okanye uzive ngathi uza kufa isiqaqa.
8. Ukuba nayiphi na kwezi ngxaki iyaqatsela yiya kwikliniki ekufut-shane nawe okanye esibhedlele kwaye uphathe ikhadi lakho loku-gonyelwa intsholongwane yomhlaza i-HPV.
9. Kwakhona, xelela inqununu yakho okanye utitshala weklasi yakho ngeso sehlo kwakamsinyane emva kokubuyela esikolweni.
10. Lonke ulwazi olunikezeleyo luza kugcinwa luyimfihlo.

Krazula apha

Nceda uzalise neli candelo **Imbali ngezonyango**	Ingaba kwixesha elidlulileyo intombi yakho ikhe yagula okanye yanayo nayiphi na ingxaki emva kogonyo? (Umzekelo ukwaliwa lichiza lokugonya
Ingaba kwixesha elidlulileyo intombi yakho ikhe yagula okanye yanayo nayiphi na ingxaki emva kogonyo? (Umzekelo ukwaliwa lichiza loku-gonya	Yakho / Ikhe
Ukuba impendulo ngu-ewe, cacisa ukuba kwenzeka ntoni:	
Ingaba intombi yakho inengxaki yokopha ixesha elide? (Oko kukuthi ukuba usikwe/uhlatywe yinto ukopha kuthatha ixesha elide phambi ko-kuba kuyeke phambi kokubakuyekee bleeding to stop)	Yakhi / Ikhe
Ukuba impendulo ngu-ewe, nceda ucacise:	